Isalathiso: 20200121-3300
Inombolo yefayili: 12/2/10/3
Imibuzo: M Wiese

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0003/2020

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka *(Annual School Survey (ASS))* ka-2020 yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo

1. ISaveyi yeZikolo yaQho ngoNyaka *(Annual School Survey (ASS))* yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo iya kusetyenziselwa ulawulo nokuphathwa kwezikolo, kwakunye nokubonelelwa kwazo ngemali nezinye izibonelelo *(resources)* ukulungiselela u-2020.

2. I-ASS kufuneka igqitywe kwaye isayinelwe yinqununu kwi-*CEMIS* nge-**03 Matshi 2020,** ngoLwesibini wokuqala ngoMatshi.

3. Phambi kokuba isayinelwe kwi-*CEMIS* iSaveyi, inqununu kufuneka iqinisekise oku kulandelayo:

   a) Bonke abafundi ababhalisileyo nabahamba isikolo ku-2020 kufuneka bavele kwibakala nakwiklasi abakuyo ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS*.
   b) Nabaphi na abafundi ebekulindeleke ukuba babuye kodwa abafika esikolweni ukuza kubhalisa ungadlulanga owe-03 Matshi 2020, bayakhutshwa ezincwadini ngokomgaqo-nkqubo wokuhamba isikolo kwabafundi. Aba bafundi banokubhaliswa kwakhona kuluhlu lwababhalisileyo kwi-*CEMIS* ukuba bangeza kubhalisa emva kwe-03 Matshi 2020.
   c) Utshintsho lwamaBakala malube lugqityiwe.
   d) Bonke abafundi beBakala 10 ukuya ku-12 banazo zonke izifundo abebezikhethile yaye notshintsho lwezifundo selugqityiwe.
   e) Inqununu mayiqinisekise nokuba iyahlaziywa yaye ingqinisiswe ilisti yootitshala kwi-*CEMIS*, kwakunye neminyaka yamava, amabakala nezifundo ezifundiswayo ngo-2020. Makasuswe amabakala nezifundo ebezifundiswa kwiminyaka engaphambili ukuba azifanelekanga kumsebenzi katitshala wango-2020.

f) Icandelo lokusayinelwa kwesaveyi malizaliswe ukuvuma ukungqinisiswa kwedatha njengebonakalisa ngokuchanekileyo inani lobhaliso labafundi nenani labasebenzi (*staff*) njengokuba enjalo nge-03 Matshi 2020.

g) Ziyakhunjuzwa iinqununu ngomsebenzi wazo njengamagosa eziko le-EMIS kwaye maziqinisekise ukuba iinkcukacha ezifakwe ngexesha ebekusenziwa i-*ASS* zibonakalisa okuchanekileyo ngamanani abafundi kunye nabasebenzi esikolweni ngolo suku.

h) Iinqununu maziqinisekise ngakumbi ukuba amanani abafundi afakwe kwi-ASS ngachanekileyo, njengoko amanani angachanekanga amele abafundi aya kuthathwa njengomsebenzi wobuqhinga.

4. Ukuncedisa ukungqinisiswa kwedatha yesikolo yabafundi nootitshala, kukho iqela leengxelo zemposiso (*several error reports*) ezifumanekayo ukucacisa ukuchaneka kwedatha ekhoyo efakwe kwi-*CEMIS*.

5. Kucelwa niqinisekise ukuba zonke iimposiso eziboniswe zezi ngxelo ziyasonjululwa phambi kokuba zisayinelwe iingxelo.

6. Umhla osikiweyo wokusayinelwa kwe-*ASS* ngabaphathi beesekethe yi-**03 Apreli 2020**. Abaphathi beesekethe baya kucelwa ukuba bakulawule okuqhubekayo yaye abayi kubanako ukusayinela iiseti zedatha ukuba kusekho iimposiso ezisaleleyo nalapho iinqununu zingazisayinelanga iisaveyi zazo.

7. Njengegosa le-*EMIS* leziko (*Institutional EMIS officer*), inqununu mayizilawule iinkqubo zedatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina obuyingqinisekiso neesignitsha zabasebenzi abanikwe umsebenzi wokutshekisha idatha bunako ukwandlalwa phambi kwabaphicothi-zincwadi xa kwenziwe isicelo soko. Inkqubo yomsebenzi wokufaka idatha ye-*EMIS* yesikolo kufuneka irekhodwe ukuqinisekisa ukubanako ukuphendula ngokuchaneka kwedatha, njengoko kufuneka kwenziwe uphicotho lokutshekisha ukuchaneka kweenkcukacha. Niyacelwa ukuba nifunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso 0003/2012, yomhla we-10 Agasti 2012, ukufumana ingcaciso engaphezulu. Ziyakhunjuzwa iinqununu nokuba ukususela ngo-2014 idatha echanekileyo ye-*CEMIS* ngumqathango omisiweyo othotyelwa kuqala phambi kokuba isikolo sifumane isixa sesibini sesabelo-mali semimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali esihlawulwa ngomatshini (ISetyhula 0044/2013, yomhla we-29 Oktobha 2013).

8. Kunyanzelekile kusetyenziswe inombolo yesazisi kazwelonke (*national identity number)* kubo bonke abafundi abakwiisistim zolawulo nokuphathwa kwezikolo ezikwikhompyutha (*computerised school administration and management systems)*. Iyafumaneka ingxelo ye*CEMIS* ukulungiselela ukuqaphela abafundi abangenazo iinombolo zezazisi nokuququzelela ukufakwa kwikhompyutha kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi esemthethweni, niyacelwa nibacebise abazali ngenkqubo yokwenza isicelo sesazisi kwiSebe leMicimbi yezeKhaya

(*Department of Home Affairs*). Ziyacelwa iinqununu zibancedise abazali apho kufanelekileyo ngokuthi ziyiququzelele le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya.

9. Apho kuye kwakho naziphi na iingxaki ekuzalisweni kwale saveyi, niyacelwa niqhagamshelane nomphathi wesekethe ochaphazelekayo okanye negosa lesithili elidweliswe apha ngezantsi:

Isithili	**IGosa leSithili**	**Inombolo yeFoni**	**I-imeyili**
Metro North	Masixole Stofile Zintle Notununu	021 938 3052 021 938 3101	masixole.Stofile@westerncape.gov.za Zintle.Notununu@westerncape.gov.za
Metro Central	Anita McGrath Tercia Southgate	021 514 6751 021 514 6737	anita.mcgrath@westerncape.gov.za tercia.southgate@westerncape.gov.za
Metro South	Anastasia Rose Sive Jara	021 370 2120 021 370 2106	anastasia.rose@westerncape.gov.za sive.jara@westerncape.gov.za
Metro East	Buseka Ndinisa Thembeka Dlamini	021 900 7305 021 900 7011	buseka.ndinisa@westerncape.gov.za thembeka.dlamini@westerncape.gov.za
West Coast	Mervan Davids	021 860 1596	mervan.davids@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Kevin van Eeden Shamiel Abrahams	023 348 0635 023 348 0655	kevin.vaneeden@westerncape.gov.za shamiel.abrahams@westerncape.gov.za
Overberg	Suzanne Braaf	028 214 7411	suzanne.braaf@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Romelda America Keith Zibi	044 803 8367 044 803 8346	romelda.america@westerncape.gov.za keith.zibi@westerncape.gov.za

10. Umgangatho wedatha ye-*EMIS* uya kuqhagamshelaniswa nemimiselo nemigangatho yokwenziwa kwentlawulo (*norms and standards transfer payments)*. Ingxelo yenkqubo yokuthotyelwa kwedatha ye-*EMIS* iya kuthunyelwa nge-*CEMIS* kwiinqununu. Iinqununu kufuneka ziququzelele inkqubo ye-*ASS* ukuqinisekisa ukuba idatha ifakwe ngokuchanekileyo, igqitywe ngexesha elichanekileyo kwaye isayinelwe ngokunjalo.

11. ICandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso liya kongamela ukuthotyelwa kwale nkqubo, umgangatho wedatha kunye nokusayinelwa kwesaveyi engenisiweyo kwaye kuya kuxelwa kwiNtloko yezeMfundo konke ukungathotyelwa, ukungangqinelani nokungapheleli kwedatha.

12. Ziyakhunjuzwa izikolo ezizimeleyo eziqhelekileyo ukuba mazibe nolwazi ngemiqathango yobhaliso yazo. Makuqatshelwe ukuba ukuzilandela mbo iimfuno ezimiselweyo zedatha ze-*WCED* kuyinxalenye yale miqathango yaye ukungathotyelwa kwayo kunokukhokelela ekukhutshweni ezincwadini zobhaliso kwabafundi.

13. ISebe i*WCED* liyalithakazelela igalelo nokuzinikela kwawo onke amagosa ezemfundo yaye lijonge ngethemba kwintsebenziswano eya kuqhubeka okoko ngo-2020.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-02-06